

INKQUBO YEBHASARI

YANGAPHANDLE YENGXOWA-MALI

YEMBUYEKEZO

UNYAKA WEZIFUNDO

2026



employment & labour
Department:
Employment and Labour
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA



Compensation Fund
WORKING FOR YOU

INGXOWA-MALI YEMBUYEKEZO INIKEZA IMBUZO-MALI KWABO BAXHOMELEKEKE KWI-COVID ABANGAPHANGELIYO ABANOKHUBAZEKO OLUSISIGXINA (ABAQESHWA ABAFUMANE UKONZAKALA/IZIFO BESEMSEBENZINI), ABAXHOMEKEKE KUBO KUNYE NABO BAXHOMEKEKE KUBASEBENZI ABAXHUBAZEKILEYO.

Ingxowa-mali yeMbuyekezo imema abaxhamli be-COVID abangaphangeliyo abanokukhubazeka okusisigxina (PWD), abantu abaxhomekeke kubo kunye nabaxhomekeke kubasebenzi abonzakele ngokupheleleyo ukuba bafake izicelo zethuba leBhasari yaNgaphandle yeNgxowa-mali yeMbuyekezo.

Abafaki-zicelo kufuneka babe bamkelwe kwiKholeji yeMfundo yobuGcisa noQeqesho (TVET) eyaziwayo, kwiKholeji yeMfundo noQeqesho loLuntu (CET) okanye kwiZiko leMfundo ePhakamileyo (HEI).

Ukuba awufumani mpendulo kwiNgxowa-mali yeMbuyekezo kwisithuba seenyanga ezimbini emva kokufaka isicelo sakho, qaphela ukuba kunokwenzeka ukuba isicelo sakho asiphumelelanga.

Izinto ezibhatalwa yibhasari: Imali yokufunda, izixhobo zokufunda ezimiseliweyo, imali-nkxaso yanyanga-nanyanga kunye nendawo yokuhlala.

Le bhasari ilhaziywa minyaka le - ngexesha lenkqubo yokufunda, kuxhomekeke kubukho bemali kunye nokusebenza kontu ezifundweni.

Abantu ekujoliswe kubo	IiNkqubo zezifundo/ iziQu	Amaziko oqeqesho	Umhla wokugqibela wesicelo
Abaxhamli be-COVID abanokukhubazeka okusisigxina (abasebudaleni bokusebenza)	Iinkqubo eziza kwenza ukuba abaxhamli babuyiselwe emsebenzini okanye baziqeshe	TVET, CET, HEI	Ibhasari ivuliwe kuwo wonke unyaka wezifundo ka-2026; nangona kunjalo, abafaki-zicelo bayakhuthazwa ukuba bathumele izicelo zabo ngaphambi okanye nge-31 Matshi 2026.
Abaxhomekeke kubaxhamli be-COVID abanokukhubazeka okusisigxina kunye nabaxhomekeke kubasebenzi abonzakele ngokupheleleyo (-17 - 35 iminyaka)	Izifundo ezicetyiswayo zidweliswe kwiphepha lesi-4 lefom yesicelo	TVET, CET, HEI	

Izidingo zezicelo: • Ifomu yesicelo ezaliswe ngokupheleleyo • Inombolo yePension yeCOVID / inombolo yebango • Iikopi eziqinisekisiweyo zesazisi sabazali okanye somgini (zabagcini)/isatifikethi sokusweleka (kwabo bebxhomekeke kubo) • Isazisi somfaki-sicelo • Ubungqina bokwamkelwa kwiziko likarhulumente le-Post School Education and Training (PSET) • Abafundi kufuneka babhaliselwe ukufunda ngokusisigxina. Kuyaba kuphela phantsi kweemeko ezizodwa apho abafundi abakhubazekileyo bayakuvunyelwa ukuba bafunde ngokungesosigxina • Ukuqinisekiswa kunye nesetifikithi sokukhubazeka ngokomzimba yi-Ofisi yoLondolozo lwezeMpilo okanye i-Ofisi yeNkxaso yoKhubazeko / iifom ze-WCL (Ingxelo yokugqibela yezonyango)

Inkqubo yesicelo: Khuphela uze ugcalise ifomu yesicelo sebhassari efanelekileyo kwiwebhusayithi ethi www.labour.gov.za okanye undwendwele iZiko lezeMisebenzi lePhondo elikufutshane nawe ukuze ufumane ifomu yesicelo. Abaxhamli be-COVID abangaphangeliyo abakhubazekileyo ngokusisigxina kunye nabo baxhomekeke kubo abathintelwanga kwiziqinisekiso ezidwelisiweyo. Okanye, abaxhamli be-COVID abakhubazekileyo ngokusisigxina besokola ukufikelela kumaziko oqeqesho ngenxa yenqanaba lemfundo kunye neminye imiqobo banokuqhagamshelana nee-ofisi zethu ukulungiselela iNkqubo/HeziQinisekiso zeZakhono zoMsebenzi.

Iinkcukacha zoqhagamshelwano: Ngemibuzo engaphezulu, uncedo, kunye neengcebiso, nceda uqhagamshelane nathi kwezi **nombolo:** (012) 319 9264 / (012) 319 5774 / (012) 319 9124; **Inombolo yasimahla yokukhathalela umthengi:** 0800 321 322 / 0860 10 5350; **SMS:** 44967

Ukungeniswa kwezicelo:

- **Eposini/i-Courier:** ICandelwana loLawulo: uBuyiselo kwiSebe lezeNgqesho nezaBasebenzi, iNgxowa-mali yeMbuyekezo, iPrivate Bag x955, ePitoli, 0001
- **Ukuhanjiswa ngesandla ukusekela NgoSeptemba ukuya kuDisemba 2025:** I67Thabo Sehume & Madiba Street, Delta Heights Building Pretoria
- **Ukuhanjiswa ngesandla ukusekela KweyoMqungu 2026:** Compensation House, Cnr: Hamilton and Soutpansberg Rd, Prinshof, Pretoria
- **Email:** CFexternalbursaries@labourgov.za